

# NALIBALI

## Funda yonke imihla!

Ukufundela abantwana bakho kubanceda babhaqe ubumnandi beencwadi. Ukuba abantwana bakho bafunda xa besesikolweni naxa benomsebenzi wasekhaya kuphela, baza kufunda ukudibanisa ukufunda nomsebenzi hayi nobumnandi. Xa sifunda yonke imihla nabantwana bethu, bafunda ukuba ukufunda kungaba yinto emnandi neyonwabisayo.

## Read every day!

Reading to your children helps them to discover the magic of books. If your children only read at school and when they do homework, they will learn to link reading with work and not with pleasure. When we read to our children every day, they learn that reading can be an enjoyable and entertaining activity.

## Amacebiso ama-3 okwenza ukufunda kube yinto yemihla ngemihla kwintsapho yakho

1. Bafundele yonke imihla. Baza kude bajonge ukufunda njengenxalenye yendalo kubomi babo – njengokutya, ukulala nokuhlamba amazinyo abo!
2. Yenza ixesha lamabali libe lixesha elimnandi. Ukonwabela ukufunda kulinyathelo elibalulekileyo lokuba ngumntu othanda iincwadi nomntu ofunda iincwadi ubomi bakhe bonke.
3. Nokuba uxakeke kangakanani, zinike ixesha lokufundela abantwana bakho. Loo nto ibanika umyalezo obalulekileyo wokuba babalulekile kuwe. Iinkumbulo zokuchitha amaxesha amabali kunye nawe ziya kuhlala kubantwana bakho ubomi babo bonke.

## 3 tips to make reading a part of your family's daily life

1. Read to them every day. They will come to see reading as a natural part of their daily routine – like eating, sleeping and brushing their teeth!
2. Make story time an enjoyable time. Enjoying reading is an important step in becoming a lover of books and a life-long reader.
3. No matter how busy you are, make time to read to your children. It sends them the loving message that they are important to you. The memory of spending story times with you will stay with your children throughout their lives.

## Iinzuzo zokufundela abantwana bakho

1. Xa ufundela abantwana abancinci, ubabonisa indlela ezisebenza ngayo iincwadi:
  - ★ ukuba imifanekiso namagama ziyasebenzisana ekubaliseni ibali.
  - ★ ukuba amagama asencwadini ahlala efana qho xa uwafunda.
  - ★ ukuba amagama esiwafundayo athetha okuthile.

Ukwazi ezi zinto kunceda abantwana bafunde indlela yokuzifundela ngokwabo ethubeni.

2. Ukufundela abantwana bakho yonke imihla yindlela entle yokwazi izinto abanomdla kuzo, neyokubachazela izinto onomdla kuzo wena. Ukuthetha ngabantu ekuthethwa ngabo emabalini nangezinto ezenzekayo kuyayiphuhlisa indlela yabo yokucinga, uthelekelelo, isigama kunye nokuqonda kwabo abantu. Kubanceda babe ngabantu ababacingelayo abanye abantu nabanovelwano.

Khuthaza abantwana bakho ukuba bakufundele, kwanokuba abakakwazi ukufunda, mamela xa bezenza ngathi bayafunda. Abantwana kufuneka bazenze ngathi bangabafundi ukuze babe ngabafundi.

Encourage your children to read to you and, even if they cannot read yet, listen to their pretend reading. Children need to behave like readers to become readers.

## The benefits of reading to your children

1. When you read to young children, you show them how books work:
  - ★ that the pictures and words work together to tell the story.
  - ★ that the words in a book stay the same every time you read them.
  - ★ that the words we read have meaning.

Knowing these things helps children learn how to read for themselves later on.
2. Reading to your children every day is a good way to get to know what interests them and to let them know what interests you. Talking about the characters and things that happen in stories develops their thinking, imagination, language and their understanding of people. It helps them to become thoughtful and compassionate human beings.



Drive your imagination

Ukuba ufuna inkcazelo engakumbi ngokufundela abantwana bakho, ndwendwela "Amacebiso Nemibandela" kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

For more information on reading with your children, visit "Tips and Topics" on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



IT STARTS WITH A STORY.  
KONKE KUQALA NGEBALI.



# Imbewu yokufunda nokuBhala!

Yonwabela umculo neentshukumo nabantwana bakho

## Literacy Seeds!

Share the joy of music and movement with your children

Mzali nawe mgcini wabantwana abancinci obekekileyo, ukumamelisa abantwana bakho umculo besebancinci kubaluleke kakhulu ekukhuleni kwabo. Ungaqala ngomculo wesintu neengoma ezilula owaziva waza wazicula usengumntwana. Ngokucula nangokujayiva, abantwana beva ubumnandi bokwenza izandi nomculo onesingqi. Umculo neengoma ziphinda zidlale indima ebaluleke kakhulu ekufundiseni iinkolelo nezithethe zenkcubeko. Umculo usingqongile, kufuneka nje thina simamele.

Dear parent and caregiver of young children, exposing your children to music when they are young is very important for their development. You could start with folk music and simple songs that you heard and sang as a child. Through singing and dancing, children experience the joy of making rhythmic sounds and music. Music and songs also play a significant role in teaching cultural beliefs and traditions. Music is all around us, we just need to listen.

### Umculo kwizigaba ezahlukeneyo

**Kwiintsana:** Cula xa ulunxibisa, uluhlamba okanye ulutshintsha inapkeni usana lwakho. Njengoko uluhoya usana lwakho, thetha ngento oyenzayo uze uqambe ingoma emfutshane ngaloo nto. Umculo uyakwazi ukuluthomalalisa usana olungazinzanga uze uncede usana lwakho luzole xa ilixesha lokulala.

**Kubantwana abancinci:** Abantwana abancinci bayakuthanda ukuphinda iingoma. Ukucula iingoma ezilula zeentsana eziphindaphindayo kudla ngokusakha isigama nenkumbulo yabo. Ngokucula, abantwana abancinci bangafunda ulwimi. Ukwenza izinto ngoxa becula kubanceda ekuphuhliseni iingqondo zabo, kuba kufuneka bakhumbule amagama, ingoma kunye nezenzo! Ngoko, ngoxa ucula iingoma, khuthaza umntwana wakho omncinci aqhwebwe izandla, angqishe ngeenyawo kwaye ajikajike umzimba wakhe.

**Kwabahamba ikhrishi:** Bayazithanda izicengcelezo neengoma zabantwana ezithetha ngezinto abazithandayo ezifana, ngokomzekelo, nezilwanyana, iithoyi nezinye izinto ezinjengokuxhumaxhuma nokujayiva. Bayakuthanda ukucula kwaye abakoyiki ukucula ngelizwi elikhwazayo.

### Music at different stages

**Infants:** Sing a song while you dress your baby, bath your baby or change your baby's nappy. As you take care of your baby, talk about what you are doing and make up a little song about it. Music can soothe a restless baby and help your baby to relax when it's time to go to sleep.

**Toddlers:** Toddlers love to repeat songs. Singing simple nursery rhymes that repeat often helps to develop their vocabulary and memory. Through singing, toddlers can learn language. Doing actions while they sing also helps their brain development, as they need to remember the words, the tune and the actions! So, while singing songs, encourage your toddler to clap their hands, stomp their feet and sway their bodies.

**Preschoolers:** They enjoy nursery rhymes and songs about things they like, for example, animals, toys and certain activities like jumping and dancing. They enjoy singing and are not afraid to sing loudly.

### Ziintoni iinzuzo zomculo ekukhuleni komntwana?

- 🎵 Kukhona ukudibana okukhoyo phakathi komculo nokuphuhliswa kokucinga ngokwezibalo. Iingcamango zezibalo ziyaphuhliswa xa abantwana becula iingoma ezibalayo.
- 🎵 Abantwana baphuhlisa izakhono zokungqamanisa, ukusebenzisa izihlunu ezincinci nezinkulu. Xa bekhosa, bezolula, begoba, betsiba yaye bebhalansa ngoxa becula, baqalisa ukuqonda izinto ezinokwenziwa yimizimba yabo.
- 🎵 Ngokucula nangokujayiva, abantwana bafumana iithuba lokubonisa indlela abaziva ngayo nelokuthoba uxinezeleko.
- 🎵 Umculo uyakwazi ukuvuselela uthelekelelo. Ibhokisi iyakwazi ukuba ligubu, okanye uyakwazi ukuziqambela eyakho ingoma.

### What are the benefits of music in a child's development?

- 🎵 There is a connection between music and the development of mathematical thinking. Mathematical concepts are developed when children sing counting songs.
- 🎵 Children develop coordination, fine and gross motor skills. When they crawl, stretch, bend, skip and balance while singing, they begin to understand what their bodies can do.
- 🎵 Through singing and dancing, children get the opportunity to express themselves and release stress.
- 🎵 Music can stimulate imagination. A box can become a drum, or you can create your own song.



Drive your imagination





## Indlela yokucula ekhaya



### **Mculele umntwana wakho:**

Abantwana bayakuthanda ukuva amazwi abazali babo nawabagcini babo. Ungacula iingoma zeentsana okanye ezinye iingoma azaziyo umntwana wakho. Ungade ucule ingoma eyaziwayo kodwa utshintshe amazwi ayo.

**Zilinganise iingoma:** Cula iingoma eziquka iintshukumo zezandla nomzimba ukuze umntwana wakho alonge ubuchule bakhe bokusebenzisa izihlunu ezinkulu nezincinci.

**Sebenzisa iilwimi ezingafaniyo:** Imidlalo, iingoma nezicengcelezo ezixuba iilwimi ezimbini zanceda abantwana bafunde ulwimi lwesibini.

**Vumela umntwana wakho azenzele owakhe umculo:** Nika umntwana wakho iimbiza, amapani neekhonteyina zeplastiki necephe leplanga, umvumele ukuba azibethe ngalo. Thatha ikhonteyina engenanto uyigcwalise amatye okanye irayisi, uze uvumele umntwana wakho ayihlukuhle loo khonteyina. Uqiniseke nje ukuba loo khonteyina ivalwe yaqiniswa ukuze umntwana wakho angayivuli aze atye izinto ezingaphakathi.

**Wujayiveleni umculo:** Culani iingoma nize nijayivele umculo. Unganika umntwana wakho iteddy bear, isikhafu okanye iribhoni ukuba ayiphathe xa ejayivayo.

**Yenza umculo ube yenye yezinto ezenziwa yonke imihla:** Ukuba ucula iingoma xa usenza izinto ezithile, umntwana wakho uza kuyazi into amakayilindele aze azive ekhuselekile. Ukuba ucula ingoma ethile qho xa umhlamba, umntwana wakho uza kuyijonga njengethetha ukuba "lixesha lokuhlamba".



## How to make music at home

**Sing to your child:** Children love to hear their parents' and caregivers' voices. You can sing lullabies or any other song you know to your child. You can even sing a well-known tune but change the words.

**Action songs:** Sing songs that include hand and body movements to exercise your child's gross and fine motor skills.

**Use different languages:** Bilingual games, songs and rhymes help children learn a second language.



### **Let your child make their own music:**

Give your child pots, pans and plastic containers with a wooden spoon, and let them bang on them. Take an empty container and fill it with small stones or rice, and let your child shake the container. Just make sure that the container is closed tightly so that your little one cannot open the container and eat the contents.

**Dance to music:** Sing songs and dance to the music. You can give your child a teddy bear, scarf or ribbon to hold while they dance.

**Make music part of everyday activities:** If you sing songs when you do certain things, your child will know what to expect and feel more secure. If you sing a certain song every time they take a bath, your child will come to see this as a cue for "bath time".





Inyanga Yabasetyhini ibhiyozelwa qho ngoAgasti. Nazi iincwadi ezimbalwa ezimnandi ezibhiyozela abasetyhini namantombazana.

Women's Month is celebrated each year in August. Here are a few wonderful children's books that celebrate women and girls.


# Ishelfu yeencwadi yakwaNal'ibali

# The Nal'ibali bookshelf

## Amantombazana Akayenzi Loo Nto

nguThembi Kgatlana noNikolaos Kirkinis  
Imizobo: NguChantelle noBurgen Thorne  
Umpapashi: NguJacana Media

Ibali likaThembi Kgatlana liqala eMohlakeng. Wayengumdlali webhola ekhathwayo onesiphiwo kwaye enephupha lokudlalala uMzantsi Afrika kodwa esoloko exelwa ukuba amantombazana awayidlali ibhola ekhathwayo. Ngenxa yokukhuthala nokuzimisela kwakhe, akazange aphelele nje ekudlaleni iBanyana Banyana, kodwa waye wabizwa ngokuba ngoyena mdlali uzibaluleyo eAfrika! Ifumaneka ngeAfrikansi, ngesiNgesi, ngesiXhosa, ngesiZulu nangesiTswana.



## Girls Don't Do That


by Thembi Kgatlana and Nikolaos Kirkinis  
Illustrator: Chantelle and Burgen Thorne  
Publisher: Jacana Media

Thembi Kgatlana's story begins in Mhlakeng. She was a talented football player with a dream to play for South Africa but was always told that girls don't play football. Through her hard work and determination, she not only played for Banyana Banyana, but was named Africa's greatest player! Available in Afrikaans, English, isiXhosa, isiZulu and Setswana.

## Ipati yeti yaseSOWETO

nguNokuthula Mazibuko Msimang  
Imizobo: NguSam van Riet  
Umpapashi: NguNew Afrika Books

Eli bali likhuthazayo lisekelwe kwixesha lobuntwana lombhali walo eSoweto ngeminyaka yoo-1970. Nangona imeko yayinzima kule lokishi, abazali bakaNokuthula babekwazi ukwenza ikhaya lihale linovuyo, nolonwabo. Imizobo ezotywe ngobunono kaSam van Riet ibonisa indlela ulonwabo olwalungaphakathi kweendonga zendlu yale ntsapho olwawahluke ngayo kwinto eyayisenzeka ngaphandle. Ifumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ezibhalwayo.



## Soweto Tea Party

by Nokuthula Mazibuko Msimang  
Illustrator: Sam van Riet  
Publisher: New Afrika Books

This inspiring story is based on the author's childhood in Soweto in the 1970s. Despite the bleak surroundings in the township, Nokuthula's parents were able to maintain a joyful, happy home life. Sam van Riet's gentle illustrations reflect the disconnect between the outside world and the happiness within the four walls of the family house. Available in all official written languages.

## UCitronella

nguCarl de Souza  
Imizobo: NguDanièle Hitié  
Umpapashi: NguNew Afrika Books

Le ncwadi yemifanekiso ithetha ngokubaluleka kokuba nomakhulu notamkhulu abanobubele. UCitronella yintwazana engevayo ngeendlebe. Ngenxa yokuba kungekho mntu ukwaziyo ukumnyanga, intsapho yakhe imthumela kuTatomkhulu wakhe uTambala, omthathayo amse kude, kude, kwindawo apho ungapheleli nje ekuveni ngeendlebe zakho ... Ifumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ezibhalwayo.



## Citronella

by Carl de Souza  
Illustrator: Danièle Hitié  
Publisher: New Afrika Books

This picture book deals with the importance of having kind grandparents. Citronella is a little girl who cannot hear. Because no one can cure her, her family sends her to Grandpa Tambala, who takes her far, far away, to a place where you don't only hear with your ears ... Available in all official written languages.

## Zenzele ithala lakho leencwadi.

Yenza iincwadi EZIMBINI oza kuzisika uzikhuphe uze uzigcine

### KwaMakhulu

1. Krazula iphepha lesi-9 lolu shicilelo.
2. Lisonge esiqingatheni kumgca onamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge esiqingatheni kumgca onamachaphaza aluhlaza ukuze wenze incwadi.
4. Lisike kumgca onamachaphaza abomvu ukuze wahlule amaphepha.

### Ingonyama engenamazinyo

1. Ukuze wenze le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, 6, 7, 8, 11 nele-12.
2. Gcina iphepha lesi-7 nelesi-8 engaphakathi kwamanye amaphepha.
3. Songa la maphepha esiqingatheni kumgca onamachokoza amnyama.
4. Wasonge kwakhona kumgca onamachokoza aluhlaza ukuze wenze incwadi.
5. Wasike kumgca onamachokoza abomvu ukuze wahlule amaphepha.



## Grow your own library.

Create TWO cut-out-and-keep books

### Granny's place

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

### The toothless lion


1. To make this book, use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Drive your  
imagination



Emva koko uNdllovu wathi, "Usimba kuza kufuneka afunde ukutya izityalo ukuba ufuna ukuphila." Izilwanyana zakhawuleza zavuma ukugokelela izityalo eziza kutyiwa nguSimba.



Then Elephant said, "Simba will have to learn to eat plants if he wants to live." The animals quickly agreed to gather plants for Simba to eat.

All the animals thought of something tasty for Simba to eat. Zonke izilwanyana zacinga ngento emandi engatywa nguSimba.



"I will take a juicy melon," said Rabbit. "Ndiza kuthatha ivatala," watsho uMvundla.



"I will take mushrooms," said Tortoise. "Mushrooms are like meat." "Ndiza kuthatha iinkwane," watsho uFudo. "Inkowane ziyafana nenyama."

When a lion loses all his teeth, help comes from a very surprising group of animals. But there are still more lessons that the lion needs to learn.

This story was specially created for Na'ibali to spark children's potential through storytelling and reading for enjoyment.



Xa ingonyama iphuma onke amazinyo ayo, uncedo luvela kwiqela lezilwanyana ezingalindelekanga tu. Kodwa kusekho izifundo ekufuneka loo ngonyama izifunde.

Eli bali libhalwe ngokukhethekileyo ukuze uNa'ibali ancede abantwana bafikelele loo nto banokuba yiyo ngokubalisa amabali nangokufundela ubumnandi.

### Get story active!

- ★ Colour in the drawing on the last page of the story. How do you feel about all the animals being friends?
- ★ Make one list of foods that are easy to eat without teeth and another list of foods that are difficult to eat without teeth.
- ★ Draw a picture that shows how you take care of your teeth. Write a sentence under the picture about why you take good care of your teeth. You can ask a friend or family member to help you write your sentence.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Fakela imibala kwiphepha lokugqibela leli bali. Uziva njani ngento yokuba zonke izilwanyana zingabahlobo?
- ★ Yenza uludwe lokutya ekulula ukutya ngaphandle kwamazinyo noludwe lokutya ekunzima ukutya ngaphandle kwamazinyo.
- ★ Zoba umfanekiso obonisa indlela ongawanyamekela ngayo amazinyo akho. Bhala isivakalisi phantsi komfanekiso esichaza ukuba kutheni uwanyamekela amazinyo akho. Ungacela umhlobo okanye ilungu lentsapho likuncede ubhale isivakalisi sakho.

Na'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).




UNa'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your  
imagination

## The toothless lion



## Ingonyama engenamazinyo

Themba Mabaso • Carlos Amato

**Ideas to talk about:** How would you describe a lion's teeth? What do you think would happen to a lion that had no teeth? Have you lost a tooth? How did you feel about it?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ungawachaza njani amazinyo engonyama? Ucinga ukuba kungenzeka ntoni kwingonyama engenamazinyo? Wakha waphunyelwa lizinyo wena? Waziva njani ngaloo nto?







“Ukuba uSimba akafumani kuya, uza kubulawa yindala,” watsho uNkukhama.  
 “Kodwa ke ngubani oza kuvuma ukuba kukuya kukasimba?” wabuza uNdlulamthi ethethela phantsi, ejika intamo yakhe ende ukuze aziyonge zonke izilwanyana.  
 Akakho owavelayo.

“If Simba doesn't get food, he will die of hunger,” said Gemsbok.  
 “But who will agree to be Simba's food?” asked Giraffe softly, turning her long neck to look at all the animals.  
 No one stepped forward.

Simba was the only lion in that corner of the veld, and he loved it! All the animals were afraid of him because he was a very good hunter. And he was always hungry. Whenever Simba appeared, the other animals would run away and hide.



USimba wayekuphela kwengonyama ehlabathini, ibe wayeyithanda loo nto! Zonke izilwanyana zazimoyika kuba wayeyincutshe ekuzingeleni. Wayesoloko elambile. Nanini na uSimba esithi gqi, ezinye izilwanyana zazibaleka ziyokuzimela.



SQUISH SQUASH  
 MPUNYU MPUNYU

The next morning, the animals walked to Simba's den together. They were carrying wild fruit, mushrooms and edible roots.  
 “Food, I need food,” croaked Simba when he saw the animals. He was lying on the ground without a single tooth in his mouth.  
 Ngentsasa elandelayo, izilwanyana zahamba kunye zaya kwindawo alala kuyo uSimba. Zaziphethe iziqhamo, iinkowane nengcambu ezityekayo.  
 “Ukuya, ndidinga ukuya,” watshothozela watsho uSimba xa ebona izilwanyana. Wayethe tywa phantsi engenalo nelinye izinyo emlonjeni.


Simba munched on the feast his friends had provided. And all the animals sighed with delight at the peace in the veld.



YUMMMMMMM!  
 AZIMNANDI NGAKO!

USimba wazinika kanobom kwisidlo awayesiphathelwe ngabahlobo bakhe. Ibe kwathi qabu kuzo zonke izilwanyana zaza zavuyiswa yinto yokuba kukho uxolo ehlabathini.






“Try this mushroom,” said Tortoise.  
 Simba opened his mouth and took a bite. *Squish, squash* went the mushroom. It was easy to chew.  
 “Another one, please,” begged Simba. He ate a second and a third mushroom.  
 “Khawuzame eli khowa,” watsho uFudo.  
 USimba wakhamsa waza waluma. Ikhowa lathi *mpunyu, mpunyu*. Lalihlafuneka lula.  
 “Khawundiphe ezinye, torho,” wacenga uSimba. Waty a ikhowa lesibini nelesithathu.

Simba went out and stood on a tall rock. “Friends, my teeth are back!” he roared. “But I have decided that I will only eat plants. I will not eat any animals. Please come out and let us eat plants and play together!”

It was quiet for a long time. Then, Tortoise slowly came out of hiding, carrying some mushrooms. Simba sat down and ate with Tortoise. Then Rabbit came out with a basket of fruit. All the other animals came forward carrying a variety of plants and wild fruit.

USimba waphuma waya kuma phezu kwelitye eliphakamileyo. “Bahlobo, amazinyo am abuyile!” wagquma watsho. “Kodwa ndigqibe ekubeni nditye izityalo kuphela. Soze nditye nasiphi na isilwanyana. Ndicela niphume sizokutya izityalo kwaye sidlale kunye!”

Kwathi cwaka ixesha elide. Emva koko, uFudo wathi chu ephuma kwindawo eizifihle kuyo, ephethe iinkowane. USimba wahlala phantsi waza watya noFudo. Emva koko uMvundla waphuma ephethe ibhaskithi yeziqhamo. Zonke ezinye izilwanyana zeza ziphetho iintlobontlobo zezityalo neziqhamo zasendle.



Ngelo xesha, uFudo noQwarhashe babexela ezinye izilwanyana ukuba uSimba akasenawo amazinyo.  
 “Ayivuyisi na into yokuba uSimba engazukwazi ukuphinda azingele nabani na apha kuthi?” watsho uQwarhashe.  
 Ekugaleni izilwanyana zavuya nyhani ibe zazingawuvali umlomo zichaze indlela ekwakumanandi ngayo. Ekugqibeleni, zathi cwaka zaza zaqalisa ukumsizela uSimba.  
 At first, the animals were very excited and couldn't stop talking about how wonderful it was. Eventually, they quietened down and started feeling sorry for Simba.

Meanwhile, Tortoise and Zebra told the other animals that Simba had no more teeth. “Isn't it wonderful that Simba can no longer hunt any of us?” said Zebra.

One day, Simba was wandering through the veld looking for food. All the animals had scattered into the bushes to hide from him, except Tortoise. Tortoise could not run. Her shell was big and heavy, and her legs were short.



Ngenye imini, uSimba wayebhadula ehlathini ekhangela ukutya. Zonke izilwanyana zaziye zathi saa zayokutshona ematyholweni zazifihla kuye, kwashiyeka uFudo. UFudo wayengakwazi ukubaleka. Iqokobhe lakhe lalikhulu kwaye limsinda, kwaye imilenze yakhe imifutshane.





“Tintini!” watsho uSimba njengoko wayebeka unyawo lwakhe emlonjeni. Ngenene, wayengenawo amazinyo, kwakushiyeke iintsini qha!

“Yhoo!” wakhala uSimba. “Ndiza kuphila njani ke ngoku? Ndiza kubulawa yindlela engekaphindi akhule amazinyo am.”

Wamyekeka uQwarhashe waza wahamba ethe chu esiya kwindawo alala kuyo. USimba walala phantsi ngecala waza walinda ukufa.

“What have we here?” asked Simba, coming closer.  
“Oh, food in a shell!” he said, licking his lips.

“Oh dear me!” cried Tortoise. “Please don’t eat me!”

“Why not?” asked Simba.

“I’m old and my flesh is tough and chewy,” cried Tortoise.

“Well, my teeth are long and sharp,” said Simba, pouncing on Tortoise.



“Yintoni na ngoku le?” wabuza uSimba, esondela.  
“Oh, kukutya okuseqokobheni!” watsho, ekhotha imilebe yakhe.

“Owu yhini!” wakhala watsho uFudo. “Ungandityi torho!”

“Ngoba?” wabuza uSimba.

“Sendimdala kwaye inyama yam ilushica kwaye ayihlafuneki lula,” wakhala watsho uFudo.

“Hayi ke, amazinyo am made kwaye abukhali,” watsho uSimba, elimthi nqaku uFudo.

UMvundla wanika uSimba ivatala, kodwa yayiqine kakhulu. Woyiswa kukuluma iqokobhe layo.

“Ndiza kuyitya xa amazinyo am ephinde akhula,” wathembisa watsho.



Rabbit gave Simba the melon, but it was too hard. He could not bite through the skin.

“I will eat it when my teeth grow back,” he promised.

By midday, Simba realised that the animals would no longer come to visit. He thought about how they had brought him food every day. “I would have starved to death had they not fed me,” he thought.

By late afternoon, there was still no sign of any of the animals. Simba felt very lonely and realised that he missed spending time with them.

“The monkeys are so funny,” Simba laughed. “The elephants are all very kind. And the warthogs are so fast, I love playing with them!”

Simba had important decisions to make. “I think I would rather eat plants than lose such good friends,” he thought.

Kuthe kuqina imini, uSimba wabona ukuba izilwanyana aziyi kuba seza kumndwendwela. Wacinga ngendlela ezazimzisele ukutya ngayo yonke imihla. “Ngendilambe ndafa ukuba bezingandondlanga,” watsho ecinga.

Xa lisithi ndithenge, kwakungekabonakali nesinye kwezo zilwanyana. USimba waziva elilolo wabona ukuba uyakukhumbula ukuchitha ixesha nazo.

“Tinkawu zikucubhula nyhani ngentsini,” watsho uSimba ehleka. “Zonke iindlovu zinobubele kakhulu. Iinxagu zona zinamendu kakhulu, ndiyakuthanda ukudlala nazo!”

USimba kwafuneka athathe izigqibo ezibalulekileyo. “Ndicinga ukuba kubhetele nditye izityalo kunokuba ndilahlekelwe ngabahlobo abanje ukulunga,” watsho ecinga.



amagqabi  
kukho  
Leaves



Oranges  
Kukho ii-orenji!



Trees  
Kukho imithi!

Granny's place is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. For further information, visit [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za).

Incwadi ethi *KwaMakhulu* ithathwe kudederhu lweencwadi zeRainbow Reading eziveliswe yiCambridge University Press. IRainbow Reading ludederhu lweencwadi ezikhutshwe ngokweegreyidi zezikolo zamabanga aphantsi. Ukuze ufumane inkcazelo engakumbi, ndwendwela iwebhusayithi ethi [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za).

Cambridge University Press  
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)



CAMBRIDGE  
UNIVERSITY PRESS  
[www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)



### Get story active!

- ★ Make your own little book about your favourite place to visit. Take two sheets of paper and fold them to make a small book of eight pages. Draw a colourful picture of your favourite place on the book's cover.
- ★ Give your book a title.
- ★ Make a list of all the things that you like about your favourite place.
- ★ Write short sentences on each page about your favourite place. Draw pictures in your book.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zenzele incwadana yakho ethetha ngendawo othanda ukuyindwendwela. Thatha amaphepha amabini uze uwagobe ukuze wenze incwadana enamaphepha asibhozo. Zoba umfanekiso wale ndawo uyithandayo kwikhava yale ncwadi.
- ★ Yinike umxholo incwadi yakho.
- ★ Yenza uludwe lwazo zonke izinto ozithandayo ngale ndawo uthanda ukuyindwendwela.
- ★ Bhala izivakalisi ezifutshane kwiphepha ngalinye ezingale ndawo uyithandayo. Zoba imifanekiso encwadini yakho.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## Granny's place

CAMBRIDGE



## KwaMakhulu

Nonhlanhla Dlamini • Pinkie Wilson

**Ideas to talk about:** Do you have a granny or older relative that you like to visit? What does that person do that makes you love visiting them? What is your favourite thing about their home?


**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ngaba unaye umakhulu okanye isizalwana esidala othanda ukusindwendwela? Yintoni ayenzayo ekwenza ukuthande ukumndwendwela? Yeyiphi eyona nto uyithandayo ngekhyala lakhe?




Drive your  
imagination




I love Granny's place.  
Ndiyakuthanda kwamaKhulu.



A warm fire  
Kukho umlilo oshushu



"Hello, Granny!"  
"Molo Makhulu!"



Granny's hugs



NoMakhulu uyandanga



Amagunube wona ayethambe ngokwaneleyo ukuba awatye ibe yathi iqina imini uSimba wabe sele ekwazi ukuphinda eme ngeenyawo. Isisu sakhe sasigcwele iinkowane, iingcambu ezithambileyo nezizqhamo.

USimba wazibulela kakhulu izilwanyana. Qho izilwanyana zaziphathela uSimba ukutya. Zaba ngabahlobo bakhe ibe zazihlala naye kude kubaliselwane amabali.

Kwadlula iiveki de ngenye intsasa ...

The wild berries were soft enough for him to eat and by midday Simba was able to stand again. His stomach was full of mushrooms, soft roots and fruit.

Simba was very grateful to the animals. Every day, the animals brought Simba food. They became his friends and together they would sit and listen to each other's stories.

Weeks and weeks went by until one morning ...

But the animals did not come. They had heard Simba's powerful roar that morning and it had made them feel afraid.



Kodwa izilwanyana azizange zize. Zaziwuvile umgqumo omkhulu kaSimba ngalo ntsasa ibe wazoyikisa.

A few days went by, and Simba was very hungry! He saw Zebra nearby and chased after her. Zebra was fast, but Simba was faster. He pounced on Zebra and bit her neck.

"Tee-hee-hee! Tee-hee-hee!" laughed Zebra. Simba was shocked. "Why are you laughing?" he roared.

"You are tickling me. Tee-hee-hee! Tee-hee-hee!" giggled Zebra, her body shaking with laughter. "You are tickling me with your gums."

"Gums?" said Simba as he put his paw in his mouth. And indeed, he had no teeth, only gums!

"Oh no!" cried Simba. "How will I survive? I will die of starvation before my teeth grow back!"

He let Zebra go and walked slowly to his den. Simba lay down on his side and waited to die.

Kwadlula iintsuku ezimbalewa, ibe uSimba wayelambe kakhulu! Wabona uQwarhashe kufutshane waza wamleqa. UQwarhashe wayenamendu, kodwa uSimba wayenamendu nangakumbi. Wambamba uQwarhashe waza wamluma entanyeni.

"Tee-hee-hee! Tee-hee-hee!" watsho uQwarhashe ehleka. USimba wothuka. "Kutheni uhleka?" wagquma watsho. "Uyandinyumbaza kaloku. Tee-hee-hee! Tee-hee-hee!" wagqitheka watsho uQwarhashe, edlilidla umzimba yintsini. "Uyandinyumbaza ngezi ntsini zakho."

Tortoise quickly withdrew into her shell.

Simba opened his mouth wide and bit down hard.

Tortoise shut her eyes, and cried, "My shell! My shell must be broken!"

Then she heard Simba roar in pain and anger.



UFudo wakhawuleza watshona kwiqokobhe lakhe.

USimba wakhamsa kakhulu waza waluma ngamandla.

UFudo wacimela, waza wakhala esithi, "Iqokobhe lam! Iqokobhe lam inoba likrobokile!"

Emva koko weva uSimba egcuma ziintlungu kwaye enomsindo.





ROOOAAAAAARI  
GRRRRRRRRRI

“My teeth! My teeth are broken!” groaned Simba. He was in so much pain that he let Tortoise go. Then he lay down beneath a tree waiting for his teeth to stop aching.

“Amazinyo am! Amazinyo am ophukile!” wagcuma esitsho uSimba.

Iintlungu awayeziva zamenza wamyeka uFudo.

Emva koko walala phantsi komthi elinde ukuba amazinyo akhe ayeke ukuqaqamba.

“Ndilambile ibe akukho mtu undizisele ukutya, watsho uSimba ethetha yedwa.” Makhe ndizame ukutya le vatala ndandiyiphwe nguMvundla.”  
USimba walituma Iula iqokobhe levatala elilukhuni.



“I’m hungry and no one has brought me anything to eat yet,” said Simba to himself. “Let me try eating the melon Rabbit gave me.”  
Simba easily bit through the hard skin of the melon.

“They’re back! My teeth are back!” roared Simba excitedly. He put his paw into his mouth and, yes, all his teeth had grown back – long and sharp!

“Oh, for some delicious meat!” roared Simba. “Let the animals bring me their plants and fruit this morning. I will catch one of them for my feast!”

“Abuyile! Amazinyo am abuyile!” wagcuma watsho uSimba enemincili. Wabeka unyawo lwakhe emlonyeni ibe, ewe, onke amazinyo akhe ayephinde akhula – emade kwaye ebukhali!

“Owu, andisayirhaleli inyama emnandi!” wagcuma watsho uSimba. “Izilwanyana mazizise izityalo neziqhamo zazo ngale ntsasa. Ndiza kunqakula esinye sazo ndize ndisitye!”



**Ngalo lonke ixesha phatha  
iincwadi ezimbini.  
Enye ibe yeyokufunda  
ize enye ibe  
yeyokubhala.**



**Always carry TWO  
books with you.  
One to read and  
one to  
write in.**



 TheNalibaliChannel  nalibaliSA  @nalibaliSA  @nalibalisa  
 @nalibalisa  nalibalisa  The Nal'ibali Trust  +27 64 801 5496







# Inkwenkwe eyayifuna okungakumbi



NguBradley Pause ■ Imizobo izotywe nguChantelle noBurgen Thorne

Kwakukho inkwenkwe egama linguRiaan. URiaan wayekuthanda ukutya, ibe okona kutya wayekuthanda kakhulu yayiyikeyiki. URiaan wayenabantakwabo noodadewabo abaninzi, nto leyo eyayithetha ukuba kwakufuneka baqhekezelane ngayo yonke into. Ngoko, uRiaan wayekuqhelile ukuqhekezela abanye izinto ezininzi, kodwa wayengakuthandi tu ukuqhekezela abantu ikeyiki.

Ngenye intsasa, umama kaRiaan wabhaka ikeyiki yetshokolethi eyayimuncisi iintupha. Indlu yazaliswa lelo vumba limnandi, ibe wonke umntu wayekujonge ngamehlo abomvu ukutya loo keyiki. Yathi yakuvuthwa, uMama wakhwaza, "Lixesha lekeyiki!"

Amehlo kaRiaan athi qhakra yimincili njengoko wayebaleka esiya kwigumbi lokuphekela.

UMama wathi, "Uncede ukhumbule ke, kufuneka siqhekezelane. Wonke umntu uza kusikelwa kancinci." Wayisika loo keyiki yaba zizilayi ezilinganayo waza wanika umntwana ngamnye isilayi.

URiaan wadana kakhulu xa wanikwa eyakhe ikeyiki. Wayefuna engakumbi kuneso silayi sincinci; wayeyifuna yonke loo keyiki! "Ayikho ke ngoku le!" washwantswathwa esitsho ethetha yedwa, ekhathazekile.

URiaan wayefuna engakumbi. Wayefuna ukwenza isilayi sakhe sibe sikhudlwana. Kuthe kusenzalo wakhumbula zonke izinto ezazenzwe nguyise egaraji. Mhlawumbi ikho into awayengayifumana phaya aze enze isilayi sakhe sekeyiki sibe sikhudlwana.

Egaraji, uRiaan wakhangele kuzo zonke izixhobo zokusebenza nezinto ezaziyilwe nguyise. Zikho izixhobo zokusebenza awayezazi, njengezipanere nezikrufudrayiva, kodwa kwakukhona noomatshini abangaqhelekanga, ibe wayengabazi ukuba ngabokwenza ntoni.



Ngemva kwegaraji, wafumana ibhokisi ebhalwe igama elithi "Big-a-nator".

"Heke!" watsho uRiaan ecinga. "Ivakala ngathi yinto yokwenza izinto zibe nkulu. Yile nto kanye ndiyifunayo!"

Ngaphakathi ebhokisini wafumana umatshini owawungathi ngumatshini omkhulu wokuqhuqha amaqanda onocingo olumile okwespiral oluthe gqi ngaphandle. Wawunamazinyo namaqhosha kunye neqhosha elikhulu elibomvu lokuwulayita.

URiaan wabuyela kwigumbi lokuphekela ekhawuleza ephethe iBig-a-nator. Wayijolisa kwisilayi sakhe esincinci sekeyiki waza wacofa iqhosha elikhulu elibomvu. Kwathi tshawu ilitha eliaqaqambileyo laza labeltha eso silayi. URiaan wagigitheka evuya. Kungekudala wayeza kutya ikeyiki engakumbi, imfumba yekeyiki, iyeyakhe yedwa.

Kodwa kwenzeka into engaqhelekanga. Le keyiki ayizange ibe nkudlwana. Ukusuka apho, yaba yimbovane eyayiphambi kwalo keyiki eyaya isiba nkulu ngokuba nkulu, de yalingana noRiaan ubude!

"Heyi, kwenzeka ntoni?" le mbovane eyothukileyo yatsho ngelizwi elinendyondyo, iimpondo zayo zisiya ngapha nangapha.

URiaan wathi phuhlu amehlo emangalisiwe. "Uxolo. Bendizama nje ukwenza isilayi sam sekeyiki esincinci sibe sikhudlwana, hayi wena."

Athi qhakra amehlo ale mbovane. "Uthi ikeyiki? Iimbovane ziyayithanda ikeyiki!"

Uthe engekaphenduli uRiaan, le mbovane yasithatha eso silayi sekeyiki yaza yaqalisa ukusitya.

"Kodwa yikeyiki yam le!" uRiaan wakhazaza watsho, enomsindo.

Le mbovane yakhawuleza yayitya le keyiki de kwashiyeka imvuthuluka enye nje qha. URiaan wayengayikholelwa tu into ayibona ngamehlo akhe.

"Utye ikeyiki yam!" wakhwaza watsho uRiaan.

Le mbovane yathi, "Kaloku, bendinyayeli isiqu sam. Bendityela nezinye iimbovane kwindawo esihlala kuyo! Siyasebenzisana, ibe xa sifumane into emnandi, siyayithatha sibuyele nayo emngxunyeni wethu size siqhekezelane sonke ngayo."

Kanye ngelo xesha lwavuleka ucango lwegumbi lokuphekela, kwaza kwangena utata kaRiaan. Wothuka wabanda, wakhupha amehlo akubona loo mbovane inkulu. "Whooh! Kwenzeka ntoni apha?" watsho.

Emva koko wabona iBig-a-nator ephethwe nguRiaan waza wayiqonda into eyenzekileyo. Wawuthi hlasi msinya lo matshini kuRiaan waza wawujolisa kule mbovane. Wacofa iqhosha elikhulu elibomvu, kwatshi tshawu ilitha eliaqaqambileyo. Njengoko lalisiya licima, le mbovane yaya isiba yisayizi eqhelekileyo.



Kwathi xibilili kuRiaan, kodwa emva koko wajonga ipleiyi yakhe esetafileni. Kwakushiyeke imvuthulukana encinci yekeyi, inganelanga nokuba ibe lithamo.

"Bendifuna ikeyiki enkudlwana ngoku andinayo kwakeyiki leyo," watsho uRiaan ngelizwi elidanileyo.

UTata wamjamela uRiaan, "Riaan, kwenzeka le nto ke xa sivumela ukunyoluka kusilawule. Kubalulekile ukuqhekezelana ngezinto. Ukufuna into engaphezulu kwale uyiqhekezelweyo kungaba nemiphumo emibi."

URiaan wayeneentloni ngale nto ayenzileyo. "Ndicela uxolo bendinyoluke kakhulu," watsho ngelizwi elizolileyo.

UTata wayeka ukumjamela waza wathi, "Sisifundo ekufuneka sisifunde sonke. Kodwa ungakhathazeki, usenayo ikeyiki. Isekho imvuthuluka enye eshiyekileyo."

Ame hlo ezaliswe luvuyo, uTata wajolisa iBig-a-nator kuloo mvuthulukana. Njengoko wayecofa iqhosha, ilitha eliaqaqambileyo lathi tshawu yaza loo mvuthuluka yakhula yaba sisilayi esincinci sekeyiki.

Ame hlo kaRiaan athi qhakra. Wayothukile ibe ekwanombulelo osuka entliziyweni njengoko wayesithi, "Enkosi, Tata."

Kodwa njengoko uRiaan wayeluma loo keyiki, amehlo akhe akhula aba makhulu erawundi. "Phuu!" watsho. "Inamathe embovane!"

## Yenza ibali linike umdla!

- Ukuba ubungakwazi ukwenza yonke into oyifunayo, ubungenza ntoni kwaye ibiza kusetyenziselwa ukwenza ntoni?
- Zoba umzobo waloo nto ufuna ukuyiyila. Faka iileyibhuli ukuze ucacise umzobo wakho.

- Bhala isiqendu esifutshane esicacisa into obungayenza ngaloo nto uyiyilileyo.



Drive your  
imagination





# The boy who wanted more

By Bradley Paulse ■ Illustrations by Chantelle and Burgen Thorne



Once, there was a boy named Riaan. Riaan loved food, and the food he loved the most, was cake. Riaan had many brothers and sisters, which meant everything had to be shared. So, Riaan was used to sharing most things, but he really hated having to share cake.

One morning, Riaan's mum baked a delicious chocolate cake. The wonderful smell filled the house, and everyone was looking forward to eating the cake. When it was ready, Mum called, "It's time for cake!"

Riaan's eyes sparkled with excitement as he ran to the kitchen.

Mum said, "Please remember, we need to share. Everyone will get a small slice." She cut the cake into equal slices and gave each child a slice.

Riaan was very disappointed when he got his cake. He wanted more than just a small slice; he wanted the whole cake! "This sucks!" he muttered to himself, feeling upset.

Riaan wanted more. He wanted to make his slice bigger. Then he remembered all the inventions his dad had in the garage. Maybe he could find something there to make his slice of cake bigger.

In the garage, Riaan searched through all his dad's tools and inventions. There were tools he recognised, like wrenches and screwdrivers, but there were also strange-looking machines, and he didn't know what they did.



At the back of the garage, he found a box with the word "Big-a-nator" written on it.

"Yes!" thought Riaan. "It sounds like this makes things big. This is exactly what I need!"

Inside the box, he found a machine that looked like a giant egg beater with a spiral wire poking out. It had cogs and dials and a big red button to switch it on.

Riaan eagerly rushed back to the kitchen with the Big-a-nator in his hand. He aimed it at his small slice of cake and pressed the big red button. A bright beam of light shot out and hit the slice. Riaan giggled with joy. Soon he would have more cake, a giant slice of cake, all for him.

But then something strange happened. The cake didn't get bigger. Instead, a little ant in front of the cake got bigger and bigger, until it was as tall as Riaan!

"Hey, what's going on?" the surprised ant said in a deep voice, its antennae waving this way and that.

Riaan stared in amazement. "I'm so sorry. I was trying to make my small slice of cake bigger, not you."

The ant's eyes lit up. "Did you say cake? Ants love cake!"

Before Riaan could react, the ant scooped up his slice of cake and began to eat it.

"But that's my cake!" Riaan protested, angrily.

The ant quickly ate the cake until all that was left was a single crumb. Riaan could hardly believe his eyes.

"You ate my cake!" Riaan shouted.

The ant replied, "Well, I didn't eat it for my own sake. It's for my ant colony! We work together, and when we find something delicious, we take it back to the nest to share with everyone."

Just then, the kitchen door swung open, and Riaan's dad walked in. He froze in surprise, his eyes widening as he saw the gigantic ant. "Whoa! What's going on here?" he said.

Then he saw the Big-a-nator in Riaan's hand and he knew what had happened. He quickly took the machine from Riaan and aimed it at the ant. As he pressed the big red button, a beam of light shot out. As it faded, the ant was back to its normal size.



Riaan let out a sigh of relief, but then he looked at his plate on the table. There was only a tiny crumb of cake left, not even enough for a bite.

"I just wanted a bigger piece of cake and now I have none," said Riaan in a sad voice.

Dad looked at Riaan sternly, "Riaan, this is what happens when we let our greed take over. Sharing is important. Wanting more than your fair share can lead to bad consequences."

Riaan was ashamed of his actions. "I'm sorry I was so greedy," he said in a quiet voice.

Dad's expression softened as he said, "It's a lesson we all need to learn. But don't be sad, you do have some cake. There's still one crumb left."

With a twinkle in his eye, Dad aimed the Big-a-nator at the tiny crumb. As he pressed the button, a beam of light shot out and the crumb grew into a small slice of cake.

Riaan's eyes lit up. A mixture of surprise and gratitude filled his heart as he said, "Thank you, Dad."

But as Riaan bit into the cake, his eyes grew big and round. "Yuck!" he said. "It's wet with ant spit!"

## Get story active!

- If you could make anything that you wanted, what would it be and what would it be used for?
- Draw a diagram of your invention. Add labels to explain your drawing.

- Write a short paragraph explaining what you would do with your invention.




# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## Nal'ibali fun



1.

- Landela umtya ophethwe ngumlinganiswa ngamnye wakwaNal'ibali ukufumanisa ukuba yekabani incwadi esembindini oko kutsho ephakathi!
- Follow the string that each Nal'ibali character is holding to find out who the book in the middle belongs to!



2.

Ungaligqibezela ngeendlela ezahluka-hlukileyo eli bali lifutshane? Ungayila ibali elihlekisayo kunye nelojikekayo? Ngawaphi amanye amabali onokuwayila?

Yonwabela ukufundela abahlobo nosapho amabali apheleleyo akho!

Can you complete this short story in different ways? Can you create a funny story as well as a scary one? What other stories can you create?

Have fun reading your completed stories to friends and family!

Ngenye imini \_\_\_\_\_ wadibana no- \_\_\_\_\_  
(umntu) (umntu)  
\_\_\_\_\_ (indawo yendibano)

Olibhinqa wathi, " \_\_\_\_\_ "

Oyindoda wathi, " \_\_\_\_\_ "

Olibhinqa wa- \_\_\_\_\_  
(okwenziwa libhinqa)

Oyindoda wa- \_\_\_\_\_  
(okwenziwa yindoda)

Emva koko, \_\_\_\_\_  
(kwenzeka ntoni)



Ngenye imini \_\_\_\_\_ wadibana no- \_\_\_\_\_  
(umntu) (umntu)  
\_\_\_\_\_ (indawo yendibano)

Oyintombazana wathi, " \_\_\_\_\_ "

Oyinkwenkwe wathi, " \_\_\_\_\_ "

Oyintombazana wa- \_\_\_\_\_  
(okwenziwa libhinqa)

Oyinkwenkwe wa- \_\_\_\_\_  
(okwenziwa yindoda)

Emva koko, \_\_\_\_\_  
(kwenzeka ntoni)

One day \_\_\_\_\_ met \_\_\_\_\_  
(person) (person)  
\_\_\_\_\_ (where they met)

She said, " \_\_\_\_\_ "

He said, " \_\_\_\_\_ "

She \_\_\_\_\_  
(what she did)

He \_\_\_\_\_  
(what he did)

And so, \_\_\_\_\_  
(what happened)



One day \_\_\_\_\_ met \_\_\_\_\_  
(person) (person)  
\_\_\_\_\_ (where they met)

She said, " \_\_\_\_\_ "

He said, " \_\_\_\_\_ "

She \_\_\_\_\_  
(what she did)

He \_\_\_\_\_  
(what he did)

And so, \_\_\_\_\_  
(what happened)



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

- TheNalibaliChannel
- nalibaliSA
- @nalibaliSA
- @nalibalisa
- nalibalisa
- The Nal'ibali Trust
- +27 64 801 5496
- @nalibalisa

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekola Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

